## UMKHOMBANDLELA WOLUNTU

# #RSABUDGET2024

Upapasho oludityanelweyo phakathi koNondyebo weSizwe kunye neNkonzo yeze Rhafu yoMzantsi Afrika

#RSA Budget | #RSABudget2024

IKHUTSHIWE NGU
national treasury
Department: National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: (012) 315 5100
Media@treasury.gov.za
www.treasury.gov.za

**INKCUKACHA**

**YINTONI UHLAHLO LWABIWO-MALI?**

**LUHLELWA NJANI ULWABIWO-MALI?**

Kuyo yonke iminyaka , kwinyanga yoMdumba uMphathiswa wesebe leze Mali ubeka uhlahlo lwabiwo-mali lwesizwe, apho athi achaze inkcitho-mali karhulumente, ingeniso ye rhafu kunye nezicwangciso zokuboleka imali kwi minyaka emithathu ezayo. Uhlahlo lwabiwo-mali lwesizwe lucwangcisa ukwahlulwa kwe mali phakathi kwamasebe karhulumente, amaphondo esizwe kwakunye noomasipala.

1. Kuqalwa ngokukhutshwa imigaqo enika iinkcukacha ezifunekayo kuhlahlolwabiwo-mali
2. Amasebe ka rhulumente ahlengahlengisa iinkqubo zawo aze aqulunge izicwangciso zenkcitho kunye nezibophelelo zonikelo lwenkonzo.
3. Iziphakamiso zohlalo lwabiwo-mali zingeniswa kwiSebe lezemali ze kubekho iingxoxo yezisombululo
4. Izicelo zolwabiwo-mali ziqwalaselwa ziikomiti zangaphakathi zamasebe zaBalawuli-Jikelele
5. Izindululo zohlahlo lwabiwo-mali zenziwe kwiKomiti yabaPhathiswa
6. iMedium Term Budget Policy Statement, yinkcazo yomgaqo-nkqubo karhulumente eyenziwa phakathi enyakeni ebonisa u hlahlolwabiwo-mali wonyaka ozayo .
7. Izindululo zo hlahlo lwabiwo mali zokugqibela zigqitywa kwiKhabhinethi
8. Inkcukacha zenkcazelo zo hlahlo lwabiwo mali ziye zibhalwe kumaphepha azo
9. Uhlahlo lwabiwo-mali luye luphakanyiswe ngumPhathiswa wesebe lezeMali ePalamente
10. iPalamente yenza ingxoxo ngo uhlahlo lwabiwo-mali iluhlalutye, kwaye ilaamkele
11. Ekugqibeleni uhlahlo lwabiwo- mali lithunyelwa kuMongameli ukuba alutyikitye ukuze lubengumthetho.



**MR. ENOCH GODONGWANA**
***UMPHATHISWA WESEBE LEZEMALI***

# UKUNGQINELELANISA IIMALI ZIKARHULUMENTE EZIZINZILEYO NEEMFUNO ZENTLALO

**Uqoqosho loMzantsi Afrika lube buthathaka, kwaye kufuneka izigqibo ezinzima ukuqinisekisa ukuba uqoqosho luyakhula kwaye ludala imisebenzi. Kukwafuneka inyathelo eliqatha nelithembekileyo ukuze kulawuleke amatyala neentsilelo zikarhulumente, nto leyo engumsantsa phakathi kwenkcitho karhulumente kunye noko akuqokelelayo kwiirhafu.**

Uqoqosho luqikelelwa ukuba lukhule nge-0.6 ekhulwini kuphela ngokweepesenti zokwenyani ngo-2023, ubukhulu becala ngenxa yefuthe elibi lokubonelelwa ngombane okunyiniweyo, imeko embi yamazibuko ethu kunye nomzila kaloliwe wempahla kunye neendleko eziphezulu zokuphila. UHlahlo-lwabiwo-mali luka-2024 lubonisa ukuzibophelela kukarhulumente ekunyuseni ukukhula koqoqosho ngobonelelo lombane oluphuculweyo kunye nothutho lweempahla oluthembeke ngakumbi, kwakunye nokwakha ezinye iziseko ezingundoqo ezibalulekileyo, ezifana nemibhobho yamanzi, izikolo kunye neendlela. Iindaba ezimnandi zezokuba uqoqosho lwehlabathi kufuneka luxhase ngakumbi ngenxa yokucotha kwexabiso lentengo kunye nokwehliswa kwamaxabiso enzala kwihlabathi liphela. Ngokunjalo, uqoqosho loMzantsi Afrika kulindeleke ukuba lukhule nge 1.6 yeepesenti kule minyaka mithathu izayo.

Imeko yezemali elungeleleneyo iya kukhuthaza ukukhula koqoqosho kwaye ixhase awona malungu asemngciphekweni oluntu, ngeli lixa kuncitshiswa amatyala kwaye kuthotywa imingcipheko kwezemali noqoqosho. Urhulumente ubeka phambili izicwangciso zotyalo-mali ngokwandisa ukusetyenziswa kwentsebenziswano necandelo labucala, kuquka nokuthatha izakhono nemithombo yezemali yeenkampani zabucala kunye namaziko ezemali kumazwe ngamazwe.

Ityala likarhulumente eliphezulu nelinyukayo libeka esichengeni unikezelo lwenkonzo notyalo-mali lweshishini ngokuthumela kwakhona iinxalenye ezihlala zikhula zezibonelelo zabahlawuli berhafu kude kwiinkonzo ezibalulekileyo zikarhulumente kunye nokubonelela ngamatyala. Ukusukela ngo-2008/09 isixa-mali esichithwe kwiindleko zenkonzo yetyala sinyukile ukusuka kwi-R54.4 yeebhiliyoni okanye i-7.9 yeepesenti yengeniso iyonke ukuya kwi-R356.1 yeebhiliyoni zeerandi okanye i-18,5 yeepesenti yengeniso ngo-2023/24. Ezi ndleko zenkonzo yetyala nazo zinyuka ngokukhawuleza kunokukhula koqoqosho, nto leyo ebonisa ukuba uqoqosho alukwazi ukukhula ngokukhawuleza ngokwaneleyo ukuqhubeka nokuhlawula inzala ekhoyo kwityala likarhulumente. Umgaqo-nkqubo wezemali uza kuthi ngokuthe ngcembe ungenise inxalenye yoHlahlo lwabiwo-mali echithwa kwiindleko zenkonzo yamatyala phantsi kolawulo.

Ngenxa yezi zizathu, kwiminyaka emithathu ezayo, urhulumente uza kuchitha ngononophelo ngakumbi kwaye, kwezinye iimeko, ukunciphisa iindleko kwingxowa yoluntu. Phakathi ko-2024/25 no-2026/27, urhulumente uza kuchitha i-R7.4 yetriliyoni kwaye oku kuya ikakhulu kwiinkonzo zentlalo ezibalulekileyo ezifana nezempilo, imfundo, ukulwa nolwaphulo-mthetho kunye nokhuselo lwesizwe. Malunga ne-60 yeepesenti okanye R3.7 yetriliyoni zeerandi eziya kuchithwa kwiinkonzo zentlalo ntle, eziya kuhlawula imivuzo yootitshala, abongikazi noogqirha, kwaye ziya kuhlawulela izibonelelo zezentlalo. Inkcitho iza kujongana nokusilela kwezemfundo nokhathalelo lwezempilo kwakunye notyalo-mali kwiiprojekthi eziyinkunzi ezibeka isiseko sohlumo oluluqilima loqoqosho. Uncedo loluntu lwe-COVID-19 ekubandezelekeni kwesibonelelo lukwaqukiwe kuHlahlo-lwabiwo-mali luka-2024.

Kwangaxeshanye, ukuqinis koHlahlo lwabiwo-mali kuthetha ukuba amatyala kunye neendleko zenkonzo yetyala ziya kuyeka ukukhula ngo-2025/26 kwaye ziqale ukwehla, ngaloo ndlela zikhulula izixhobo ezingakumbi zeenkonzo zoluntu kwixesha elizayo kwaye zenze kube lula kumashishini nakubantu ukuba babenofikelelo kwimithombo yemali ukwenzela utyalo-mali lwabo.



# UKUVUSELELA UQOQOSHO NGEENGUQUKO ZOLWAKHIWO

**Eyona miqobo mikhulu kuqoqosho ibe kukucinywa kombane, isantya esiphantsi nomgangatho wamazibuko nooloilwe, kunye nobuthathaka beenkonzo zoluntu. Urhulumente ebejongene nale miceli-mngeni.**

Intsebenziswano eyaziwa ngokuba yi-Operation Vulindlela sele ineminyaka emininzi isebenza kwaye iqhuba uhlenga-hlengiso lokukhulisa ukukhula koqoqosho ukuze kufakwe imali engaphaya kwe-R500 yeebhiliyoni kuqoqosho kwixesha elide. Ishishini lokubonelela ngombane liyaguqulwa, nto leyo eyenza kube lula kwaye kungabizi mali ininzi kwiinkampani zabucala kunye namakhaya ukuzenzela owawo umbane kusetyenziswa iindlela ezahlukeneyo, eziquka iiphaneli zesola kunye nezikhululo zokuvelisa zabucala. Kule minyaka mithathu izayo, i-6 000 MW yeeprojekthi ezinkulu ezixabisa ngaphezulu kwe-R100 yeebhiliyoni kulindeleke ukuba zisebenze. Ukongeza, urhulumente ngoku uhlawulela isixa esikhulu setyala lika-Eskom, evumela ukuba kukhululwe oovimba ukuze kulungiswe izikhululo zakhe zombane kunye nokugcina iintambo zombane, kwaye oomasipala banokufaka isicelo sokuncitshiswa kwamatyala kwa-Eskom ngembuyekezo yokuphuculwa kwamatyala kunye nokuqokelelwa kwamatyala kubahlali.

Umceli-mngeni wamazibuko ahlwe-mpuzekileyo kunye nomzila kaloliwe ufuna indlela equka iinkalo ezininzi. IKomiti yeSizwe yoLungiselelo lweNgxaki echotshelwe nguMongameli yasekwa ukuze ijongane nemiceli-mngeni ejongene ne-Transnet, esebenza kumazibuko nothungelwano loololiwe loMzantsi Afrika. Ngo-2023/24, iqela lolawulo lika-Transnet latshintshwa yaza inkampani yamkela isicwangciso esitsha sokuphucula imeko yezemali nemisebenzi. Oku kuquka ukuthengisa izinto ezingengondoqo, ukusebenzisana neenkampani zamazwe ngamazwe nezalapha ekhaya ukuze ziqhube iinxalenye zamazibuko nokulungisa umonakalo kwimigaqo kaloliwe nooloilwe.

Okokugqibela, urhulumente uza kuseka iinzame zokusebenzisa ulawulo loluntu ngendlela echubekileyo nokuphucula ulawulo lwamashishini karhulumente. Oku kufuneka kukhuthaze imeko ezinzileyo nenomtsalane kutyalo-mali.

## AMAGQABANTSHINTSHI OHLAHLO LWABIWO-MALI LUKA-2024

1. Umvuzo wentlalo uthatha i-60.2 yeepesenti yenkcitho engeyiyo inzala, ejongene nophuhliso loluntu, iinkqubo zengqesho, impilo, imfundo kunye nokukhuselwa kwezentlalo.
2. Ngokumalunga ne-MTBPS ka-2023, i-R57.6 yeebhiliyoni yongezwa kule minyaka mithathu izayo ukuze kuhlawulwe imivuzo yootitshala, abongikazi, oogqirha, amapolisa nemivuzo kwezinye iinkonzo ezibalulekileyo.
3. Urhulumente uza kukhawulezisa ukuqaliswa kweziseko ezingundoqo zoluntu ngokuzisa izakhono nenkxaso-mali kwicandelo labucala.
4. Ukususela ngomhla woku-1 kweyoMsintsi ka-2024, uhlaziyo olutsha lomhlalaphantsi luza kuvumela ukufikelela kwinxalenye yolondolozo lomhlalaphantsi phambi kokuthatha umhlalaphantsi.
5. Ukusilela kwemali kuza kuncitshiswa kwaye ityala likarhulumente liza kuzinza nge 75.3 yeepesenti ye-GDP ngo-2025/26.
6. Imbonakalo yokukhula koqoqosho ihleli izinzile kule minyaka mithathu izayo. Okulindelekileyo kuquka ukunciphisa umthwalo, ukuhla kwexabiso lentengo kunye novuselelo ngokuthe ngcembe ekwandisweni kwetyala.

THYILA KWIPHEPHA ELILANDELAYO →



# UKULAWULA IMICELI-MNGENI YEMOZULU: UKUZINZA KOQOQOSHO LOMZANTSI AFRIKA

**Ukuba sesichengeni koMzantsi Afrika kwiziganeko zemozulu ezifana nembalela, izikhukula kunye nemililo yamadlelo kukhokelele kwiintlekele zendalo rhoqo nezimandundu, kunye neminyaka yakutshanje ibone ukwanda okukhulu kweziganeko kunye nelahleko.**

Iintlekele zakutsha nje ezifana nemililo yasendle yaseKnysna, izaqhwithi zaseThekwini, imbalela yaseKapa kunye nezikhukhula zaKwaZulu-Natal ziye zaluchaphazela kakhulu ulimo nokhenketho, neziphumo ezibi kwinkcitho karhulumente nakwingeniso. Ukususela ngo-1980, baphantse babe zizigidi ezingama-22 abantu abachatshazelweyo, nto leyo ekhokelele kwilahleko efikelela kwi-R113 yeebhiliyoni zeerandi. Ezi ziganeko zenza mandundu ukungalingani kwezoqoqosho, ngakumbi kuchaphazela uluntu oluhluphekayo olusesichengeni ngakumbi kwiintlekele zemozulu kunye neziphumo zazo, njengokunyuka kwamaxabiso okutya kunye nokuba sesichengeni kumonakalo.

UNondyebo weSizwe uqkumbela inkqubo-qhinga yenkxaso-mali yeentlekele ngo-2024, egxininisa kwinkxaso-mali esungulayo kunye nokudluliselwa komngcipheko ukuze kuthotywe ngempumelelo imingcipheko yemozulu. Kujongwe ukuba ii-arhente zikarhulumente kunye noluntu olusemngciphekweni luphucule ukomelela kwezoqoqosho kunye nokuqinisekisa ukusabela okusebenzayo ngakumbi kwiintlekele kunye novuselelo. Inkqubo-qhinga ijolise ekomelezeni amandla karhulumente okuxhasa ngezimali iinzame zokuvuselela iintlekele kunye nokwandisa iindlela ze-inshorensi ukukhusela kubunzima bezemali beentlekele zendalo.

## UKUDALA UMSEBENZI

**Ngokucacileyo, izinga lentswelo-ngqesho lehle laya kutsho kwi-31.9 yeepesenti kwikota yesithathu ka-2023, nto leyo ephawula elona nqanaba lisezantsi kwiminyaka emithathu.**

Inyathelo likamongameli wengqesho limiselwe ukufumana i-R7.4 yeebhiliyoni ngo-2024/25.

Ngokuhambelana neli phulo, iSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano liphinde labeka phambili i-R1.1 yebhiliyoni kwiNgxowa-mali yeNgqesho yoLuntu. Ukongeza, iSebe lezoLimo, uHlengahlengiso loMhlaba noPhuhliso lwasemaPhandleni likhuphe i-R750 yezigidi ukukhulisa ukhuseleko lokutya kunye nenkqubo yokuphila kwamafama alimela ukutya.

## 1 IMITHOMBO YOMVUZO KARHULUMENTE NGO-2024/25

| | | |
|---|---|---|
| R1 863.0bn | 83.3% | IRHAFU |
| R332.4bn | 14.8% | IMALI-MBOLEKO |
| R41.9bn | 1.9% | IMALI YENGENISO ENGEYIYO IRHAFU |

## 2 INKCITHO KARHULUMENTE NGO-2023/24

| | | |
|---|---|---|
| R387.3bn | 16.3% | EZENHLALAKAHLE |
| R382.2bn | 16.1% | IZINDLEKO ZESIKWELETU |
| R324.5bn | 13.7% | EZEMFUNDO EYISISEKELO |
| R271.9bn | 11.5% | EZOKUTHUTHUKISWA KOMPHAKATHI |
| R265.3bn | 11.2% | EZEMPILO |
| R255.4bn | 10.8% | EZOKUTHUTHUKISWA KOMNOTHO |
| R244.0bn | 10.3% | UXOLO NOKUVIKELEKA |
| R144.0bn | 6.1% | EZEMFUNDO EPHAKEME NOKUQEQESHWA |

## 3 IZIBONELELO ZENTLALONTLE

| | 2023/24 | 2024/25 |
|---|---|---|
| ISIBONELELO SIKARHULUMENTE SABANTU ABADALA | R2 085 | R2 185 |
| ISIBONELELO SABANTU ABADALA, ABANGA-PHEZULU KWEMINYAKA ENGAMA-75 | R2 105 | R2 205 |
| ISIBONELELO SAMAGQALA EMFAZWE | R2 105 | R2 205 |
| ISIBONELELO SABANTU ABAKHUBAZEKILEYO | R2 085 | R2 185 |
| ISIBONELELO SOKUNAKEKELA ABANTWANA ABANGENABAZALI | R1 125 | R1 180 |
| ISIBONELELO SOKUXHOMEKEKA KWINKATHALELO | R2 085 | R2 185 |
| ISIBONELELO SENKXASO YABAMNTWANA | R505 | R530 |

**19.7 million**

yeyabantu ukuba bafumane **izibonelelo zoluntu kweyoKwindla ka-2027**

*Uhlahlo-lwabiwo mali luya kwandisa amanani ezibonelelo ezisisigxina ngokuhambelana nokunyuka kwamaxabiso.*

## 4 UHLAHLO LWABIWO-MALI LUXHASA UKUKHULA KOQOQOSHO, UKUDALA IMISEBENZI NOPHUHLISO LOLUNTU

**1.3 per cent**

**ukukhula kokwenyani kwe-GDP** kulindeleke ngo-2024, ngaphambi **kokuphucula ukukhula nge-1.8 yeepesenti ngo-2026**

**60.2 per cent**

inkcitho karhulumente iya kuphuhliso **loluntu, imisebenzi, impilo, imfundo kunye nokhuseleko** loluntu kule minyaka mi-3 izayo

**R827.3 billion**

yabelwe **iinkonzo ezisisiseko, izindlu nezithuthi zikawonke-wonke, kunye nenguqu yendawo kunye nophuhliso lwedolophu** kule minyaka mi-3 izayo

**R818.7 billion**


yabelwe ukuxhasa icandelo **lemveliso, amashishini amancinci, kunye neenkqubo zokuqeshwa** koluntu ukukhulisa ukukhula koqoqosho kunye nengqesho kule minyaka mi-3 izayo.

## 5 IPHULO LENGQESHO LIKAMONGAMELI

**R7.4 billion**

I-R7.34 yeebhiliyoni yabelwe Iphulo lengqesho likaMongameli ngo-2024/25, ukuxhasa iindlela zokuphila, ukuqhubela phambili uhlaziyo lwezakhiwo, kunye nokwenza ukuba kudalwe imisebenzi

## 6 INKCITHO-MALI ENGAZALIYO NEZALAYO KARHULUMENTE NJENGESABELO SENKCITHO YONKE




* Inkcitho-mali engazaliyo yinkcitho iyonke karhulumente engabandakanyi inzala ehlawulwayo kwityala.

# IZIPHAKAMISO ZERHAFU KA-2024

SARS
At Your Service

## IRHAFU YOMVUZO WOMNTU

### ZIKUCHAPHAZELA NJANI IINGUQU ZERHAFU KUMVUZO WAKHO?

Uhlahlo-lwabiwo-mali luka-2024 aluwaguquli amazinga erhafu ebesebenza kunyaka werhafu ka-2023/4. Ngoko ke, isixa-mali esinokufunyanwa ngumntu phambi kokuba kufuneke ahlawule irhafu kunyaka werhafu ukusuka nge-1 kweyoKwindla ka-2024 ukuya ku-28 kweyoMdumba ka-2025 simi ngolu hlobo lulandelayo:

| MIDA YERHAFU | UNYAKA WERHAFU: 2023/24 | UNYAKA WERHAFU: 2024/25 |
|---|---|---|
| Abangaphantsi kweminyaka eyi-65 | R95 750 | R95 750 |
| Abaneminyaka eyi-65 ukuya ku-74 | R148 217 | R148 217 |
| Abaneminyaka eyi-75 nangaphezulu | R165 689 | R165 689 |

Izaphulelo zerhafu kubahlawuli berhafu bomntu ngamnye zezi zilandelayo:

| IZAPHULELO ZERHAFU | UNYAKA WERHAFU: 2023/24 | UNYAKA WERHAFU: 2024/25 |
|---|---|---|
| Okokuqala (bonke abantu) | R17 235 | R17 235 |
| Okwesibini (abaneminyaka eyi-65 nangaphezulu) | R9 444 | R9 444 |
| Okwesithathu (abaneminyaka eyi-75 nangaphezulu ) | R3 145 | R3 145 |

## IRHAFU YOTYWALA NECUBA

### UKONYUKA KWERHAFU YOTYWALA NECUBA

Iirhafu ezithile kwiziselo ezinxilisayo ziza kunyuka phakathi kwe- 6.7 kunye ne-7.2 yeepesenti kwaye iimveliso zecuba ziza kunyuka phakathi kwe- 4.7 kunye ne-8.2 yeepesenti

| | INYUKA NGE: |
|---|---|
| Ibhiya | 14c inkonkxa ye-340ml |
| Iwayini engamfaxangwanga | 28c ibhotile ye-750ml |
| Iwayini emfaxangiweyo | 47c ibhotile ye-750ml |
| Iwayini ehlwahlwazayo | 89c ibhotile ye-750ml |
| Ii-cider kunye notywala obenziwe ngeziqhamo | 14c inkonkxa ye-340ml |
| Ezikrakrayo | R5.53 ibhotile ye-750ml |
| Imidiza | 97c ipakethi ye-20 |
| Amacuba ombane | 73c ipakethi ye-20 |
| Icuba elingumgubo | R 1.09 nge-50g |
| Icuba lenqawa | 57c nge-25g |
| Ii-cigar | R 9.51 nge-23g |
| Isisombululo se-nicotine kunye nengeyiyo i-nicotine kwiinkqubo zokuhanjiswa kwezo zisebenzisa umbane | 14c nge-ml |

## IMILINGANISELO YERHAFU

### IRHAFU YENGENISO: ABANTU NGANYE KUNYE NEETHRASTI

Irhafu ehlawulwa ngabantu kunye neethrasti ezikhethekileyo zonyaka werhafu ophela phakathi komhla woku-1 kweyoKwindla ka-2024 kunye ne-28 kweyoMdumba ka-2025

| Ingeniso erhafelwayo (R) | Umlinganiselo weRhafu (R) |
|---|---|
| R0 ukuya kwi-R237 100 | 18% yengeniso erhafiswayo |
| R237 101 ukuya kwi-R370 500 | R42 678 + 26% yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R237 100 |
| R370 501 ukuya kwi-R512 800 | R77 362 + 31% yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R370 500 |
| R512 801 ukuya kwi-R673 000 | R121 475 + 36% yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R512 800 |
| R673 001 ukuya kwi-R857 900 | R179 147 + 39% yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R673 000 |
| R857 901 ukuya kwi-R1 817 000 | R251 258 + 41% yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R857 900 |
| R1 817 001 nangaphezulu | R644 489 + 45% yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R1 817 000 |

| | |
|---|---|
| Iithrasti ngaphandle kweethrasti ezikhethekileyo | Umlinganiselo werhafu ye-45% |

### IRHAFU YENGENISO: IINKAMPANI

Iminyaka yovavanyo ephela ngawo nawuphi na umhla phakathi komhla woku-1 kuTshazimpunzi ka-2024 kunye ne-31 kweyoMdumba ka-2025

| Uhlobo | Umlinganiselo weRhafu (R) |
|---|---|
| Iinkampani | 27% yengeniso erhafiswayo |

### IRHAFU YENGENISO: AMASHISHINI AMANCINANE

Iminyaka yovavanyo ephela ngawo nawuphi na umhla phakathi komhla woku-1 kuTshazimpunzi ka-2024 kunye ne-31 kweyoMdumba ka-2025

| Ingeniso erhafelwayo (R) | Umlinganiselo weRhafu (R) |
|---|---|
| R0 ukuya kwi-R95 750 | 0% yengeniso erhafiswayo |
| R95 751 ukuya kwi-R365 000 | 7% yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R95 750 |
| R365 001 ukuya kwi-R550 000 | R18 848 + 21%yengeniso erhafiswayo engaphezulu kwe-R365 000 |
| R550 001 nangaphezulu | R57 698 + 27% yemali ngaphezulu kwe-R550 000 |

### IRHAFU YENGENISO YAPHAMBI KOTSALELO YAMASHISHINI AMANCINANE KAKHULU

Unyaka-mali ophela ngawo nawuphi na umhla phakathi komhla woku-1 kweyoKwindla ka-2024 ukuya kwi-28 kweyoMdumba ka-2025

| Ingeniso yaphambi kotsalelo erhafiswayo (R) | Umlinganiselo weRhafu (R) |
|---|---|
| R0 ukuya kwi-R335 000 | 0% yengeniso erhafiswayo |
| R335 001 ukuya kwi-R500 000 | 1% of yengeniso erhafiswayo ngaphezulu kwe-R335 000 |
| R500 001 ukuya kwi-R750 000 | R1 650 + 2% yengeniso erhafiswayo ngaphezulu kwe-R500 000 |
| R750 001 nangaphezulu | R6 650 + 3% yengeniso erhafiswayo ngaphezulu kwe-R750 000 |

*Source: National Treasury*

Scan this QR code for the PDF version of this People's Guide to the Budget

**IZIMVO ZAKHO ZIBALULEKILE**

**INGABA LO MKHOMBANDLELA WOLUNTU WOHLAHLO LWABIWO-MALI UWUFUMENE ULUNCEDO NA?**

Sihlala sikhangela iindlela ezintsha zokuphucula lo mkhombandlela kwaye kungasivuyisa ukuba unokuthumela ingxelo kunye neengcebiso zakho Media@treasury.gov.za